

Indlela Esinga Elukholweni



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela le Veki:

Galati 3:21–25; Lev. 18:5; Roma 3:9–19; 1 Kor. 9:20; Roma 3:1, 2; 8:1–4.

Indima Yenkumbulo:

“Ke sona isibhalo sisuke sazivalela ndawonye izinto zonke phantsi kwesono, ukuze idinga eliphuma ekukholweni kuYesu Kristu linikwe abakholwayo” (Galati 3:22).

Amahobe abuyela ekhaya kukade aziwa ngesakhono sokubhabha amakhulu eemayile ngemini aze afike apho aya khona engaphazamanga nakancinane. Noko kunjalo, nawona mahobe anobuchule ekubuyeleni ekhaya, akhe abhideke ngelinye ixesha, angabuyeli apho ebeqale khona. Isiganeko esakha sasibi kakhulu senzeka eNgilane, xa, ngaphezu kwamawaka angamashumi amabini eentaka (akwixabiso lamakhulu amathandathu eedola) engazange abuyele phantsi kwamaphahla kwiindawo zawo. Njengoko uninzi lwethu ngamaxesha athile sikhe sidideke, okanye silahleke, akuye kube mnandi oko. Kusizalisa ngokoyika nexhala; kunako nokusenza sibe nalo nexhala. Kukwanjalo nakumhlaba wasemoyeni. Nasemva kokuba samkele uKristu, sisenokulahleka, okanye sibhideke, side sifikelele kwindawo yokuba singabe sibuyele eNkosini.

Iindaba ezimnandi, phofu, zezokuba uThixo akasishiyi sisedwa. Uyizobile indlela eya elukholweni, njengoko ityhilwe eVangelini, kwaye loo ndlela iquka umthetho. Abantu abaninzi bazama ukwahlula umthetho eVangelini; abanye bade babone ukuchasana. Le mbono ayanelanga kuba yimposiso, kodwa inganeziphumo ezibi. Ngaphandle komthetho, asinako ukuba neendaba ezilungileyo. (Kunzima, kona, ukuyiqonda igospile ngaphandle komthetho.

**Funda isifundo sale veiki ukulungisela iSabatha ka-Agasti 12.*

Umthetho Kunye NeDinga

“Umthetho ngoko uchasene na namadinga kaThixo?” (Gal. 3:21).

Wathi enengqondo yokuba iintetho zakhe zingakhokelela ekubeni abachasi bakhe bangagqiba kwelithi unembono ewugxekayo umthetho okanye ethi iintetho zakhe ngokuhamba phambili kwezithembiso zikaThixo zaziindlela egqunyiweyo yokulahla phantsi uMoses neTorah (umthetho), uPawulos ubuza umbuzo kanye ababewucinga, “Ingaba nithi umthetho uchasene nezithembiso zikaThixo?” Ubuya awuphendule ngesinyanzeliso, “Nakanye!” Isiphumo esinjalo asinako ukwenzeka, kuba uThixo akachasananga nesiqu saKhe. UThixo wanika kokubini, isithembiso nomthetho. Umthetho awungqubani nesithembiso. Oku kubini kuneendawo nemisebenzi eyahlukeneyo; kulo lilonke icebo losindiso likaThixo.

Zeziphi iibono eziphazamisekileyo abachasi bakaPawulos ababenazo ngendawo yomthetho? Thelekisa amaGalati 3:21, Levitikus 18:5, noDuteronomi 6:24.

Aba bantu babekhohlelwa ukuba umthetho wawunako ukubanika ubomi basemoyeni. Iibono zabo zabakho mhlawumbi ngokuchaza gwenxa iindawo zeTestamente eNdala njengoLevitikus 18:5 noDuteronomi 6:24, apho umthetho uyalela ngendlela obumelwe ukuphilwa ngayo ubomi ngabo bahleli emnqophisweni kaThixo. Umthetho wawubulawula ubomi ngokuhambelana nomnqophiso, kodwa bona bagqiba kwelithi umthetho ulithende lokudlelana phakathi komntu noThixo. IBhayibhile icacile, yona, ukuba ukukwazi “ukudlisa ubomi,” ngamandla asetyenziswa nguThixo ngoMoya waKhe kuphela (2 Kumkani 5:7, Neh. 9:6, Yohane 5:21, Roma 4:17). Umthetho awunakho ukumenza umntu ukuba aphile ngokwasemoyeni. Oku, sekunjalo, akuthethi ukuba umthetho uchasene noko uThixo akuthembisileyo. Ukuzama ukubonisa ukungakwazi komthetho ukunika ubomi, uPawulos ubhala athi, kumaGalati 3:22, “Ke sona isibhalo sisuke sazivalela ndawonye izinto zonke phantsi kwesono.” KumaRoma 3:9–19, uPawulos urhutywa kuninzi lweendima eziphuma kwiTesatamente eNdala ukubonisa ububi esibubo. Ezi ndawo azihlanganiswanga nje ngendlela eyingxubevange. Uqala ngomongo wengxaki yesono—umoya wokuzizuzela osisibetho kwintliziyo yomntu—abuye aye kwiindima ezichaza ukungabambeki kwesono nokuthi, ekugqibeleni, sifumaneke jikelele kuyo yonke indawo. Eyona nto ayithethayo? Ngenxa yokunaba kwesono kunye nemida yomthetho, isithembiso sobomi obungunaphakade singeza kuthi kuphela ngokunyaniseka kukaKristu endaweni yethu. Yiyo ke le, inyaniso enkulu eyaqhuba uhlaziyo lobuProtestanti.

Nangona umthetho ungenakho ukusisindisa, kokuphi okuhle okukhulu osiphathele kona ngokuwuthobela kwethu? Oko kukuthi, kokuphi okuhle okuphathekayo wena othe wanako kwawakho amava okuthobela umthetho kaThixo?

“Ukugcinwa Phantsi Komthetho”

KumaGalati 3:23, uPawulos ubhala athi, “Ngaphambi ke kokufika kokholo, sasilindwa, siphantsi komthetho.” Ngo-“si” uPawulos ubhekisa kumakholwa amaYuda kumabandla aseGalatiya. Ngawo aqhelene nomthetho, abe uPawulos ebethetha nawo ngokukodwa ukusuka kumaGalati 2:15. Oku kubonakala kuthlekiswa no-“si” kumaGalati 3:23 no-“ni” kumaGalati 3:26. UmaGalati 3:23 uthi, “Ngaphambi ke kokufika kokholo”; kodwa kwisiGrike uthi, “Phambi kolona kholo” [ukuba] lufike. Kuba uPawulos ethelekisa indawo yomthetho ngaphambi nasemva kukaKristu (Gal. 3:24), u-“olona kholo” unokuba uthetha ngoYesu ngokwaKhe engabhekisi kukholo lobuKristu jikelele.

UPawulos uthi, amaYuda ayegcinwe “phantsi komthetho” ngaphambi kokufika kukaKristu. Uthetha ukuthini ngokuthi, “phantsi komthetho”? Thelekisa umaGalati 3:22, 23 nomaRoma 6:14, 15; 1 Kor. 9:20; Galati 4:4, 5, 21; 5:18.

UPawulos usebenzisa intethwana “phantsi komthetho” kali-12 kwiileta zakhe. Kuxhomekeka ekusetyenzisweni kwayo, inokuba neentsingiselo ezimbini ezahlukeneyo.

1. “Phantsi komthetho” njengenye indlela yosindiso (Gal. 4:21). Abachasi eGalatiya babezama ukuzusa ubulungisa obunika ubomi ngokuthobela. Sekunjalo, njengoko sele ecacisile uPawulos, oku akunakwenzeka (Gal. 3:21, 22). Kamva uPawulos ude aveze ukuthi, ngokulangazelela ukuba phantsi komthetho, eyona nto awayeyenza amaGalati, kukwala uKristu (Gal. 5:2–4).

2. “Phantsi komthetho” ngendlela yokuba phantsi kokugwetywa nguwo (Roma 6:14, 15). Kuba umthetho ungakwazi ukucamagushela isono, ukwaphula oko ukufunayo ekugqibeleni kuphumela ekugwetyweni. Le yimeko abazifumana bekuyo bonke abantu. Umthetho usebenza njengomgcini wamabanjwa, uvalela bonke abawaphuleyo bazizisela phezu kwabo isigwebo sokufa. Njengoko siza kubona kwisifundo sangomso, ukusetyenziswa kwegama ukulindwa (Gal. 3:23) kubonisa ukuba yinto athetha yona uPawulos ngokuba “phantsi komthetho” kule ndawo.

Igama lesiGrike elisondeleyo, ennomos, elikholisa ukuguqulwa “phantsi komthetho,” lithetha ukuthi “ngaphakathi komthetho” laye libhekisa ekuphileni ngaphakathi kokufunwa ngumthetho ngokumanyana noKristu (1 Kor. 9:21). Ngo-“misebenzi yomthetho,” oko kukuthi, ngokuzama ukugcina umthetho ngaphandle kukaKristu, akunakubakho ukugwetyelwa, kuba kuphela ngabo bathi ngokholo balunge abaya kuphila (Gal. 3:11). Le nyaniso ayiwucimi umthetho, ibonisa kuphela ukuba umthetho awunakho ukusinika ubomi obungunaphakade. Sele kusemva kakhulu ukuba kwenzeke oko.

Umthetho “Umlindi” Wethu

UPawulos unika izigqibo ezibini ezisisiseko ngomthetho: (1) umthetho awulicimi okanye ulichithe idinga uThixo awalenza kuAbraham (Gal. 3:15–20); (2) umthetho awuchasananga nedinga (Gal. 3:21, 22). Ithini kanti indawo edlalwa ngumthetho? UPawulos ubhala athi, wongezwa “ngenxa yezigqitho” (Gal. 3:19), ongeze kule ngcamango esebenzisa amagama amathathu awahlukeneyo okanye iintethwana ngokuhlangene nomthetho: ukugcinwa (indima 23), ukuvalelwa (indima 23), umkhapheli (indima 24).

Funda ngocoselelo nangomthandazo umaGalati 3:19–24. Uthini uPawulos ngomthetho?

Uninzi lwezona nkunkqele zemfundo zangoku ziziguqula iintetho zikaPawulos ezingomthetho kumaGalati 3:19 ngendlela echase ngokupheleleyo. Kanti ke isiGrike sokuqala asisondelanga ekubeni calanye ngolo hlobo. Igama lesiGrike eliguqulwe ngokuthi “ukugcinwa” (indima 23) lithetha “ukulinda [ukugada].” Nangona linokusetyenziswa ngendlela echasayo, njengokuthi “ukugcina ngaphantsi [ukucinezela]” okanye “ukujonga” [ukwalusa] (2 Kor. 11:32), kwiTestamente eNtsha likholisa ukuba nengqondo ekhuthazayo [okanye eyamkelayo] yoku “khusela” okanye “ukugcina” (Filipu 4:7, 1 Pet. 1:5). Likwanjalo negama eliguqulwe ngokuthi “valela” (Gal. 3:23). Linokuguqulwa ngokuthi “ukuvala” (Gen. 20:18), “ukuvingcela” (Eks. 14:3, Yoh. 6:1, Yer. 13:19; Luk 5:6), okanye “ukuvalela” (Roma 11:32). Njengoko ibonisa le mizekelo, kuxhomekeka kwindawo elisetyenziswe kuyo, eli gama linganengcamango ekhuthazayo okanye echasayo.

Zinto zini ezintle owathi umthetho (wokuziphatha nowamadini) wazenzela abantwana bakwaSirayeli? Roma 3:1, 2; Dut. 7:12–24; Lev. 18:20–30.

Nangona uPawulos anokuthetha ngomthetho ngendlela ewugxekayo (Roma 7:6, Gal. 2:19), ukwanazo izinto ezininzi ezintle anokuzithetha ngawo (bona: Roma 7:12, 14; 8:3, 4; 13:8). Umthetho wawungesiso isiqalekiso uThixo awasibeka phezu kukaSirayeli; ngokuchaseneyo noko, wawumiselwe ukuba ube yintsikelelo. Nangona uhlelo lwawo lwemibingelelo lwalungenakho ukusisusa isono ekugqibeleni, wawusalatha kuMesiya owayesisithembiso owayenakho [ukusisusa], yaye imithetho yawo eyayikhokela indlela yokuziphatha kwabantu, yamkhusela uSirayeli kububi obuninzi obabufikela ezinye iinkcubeko zakudala. Ngokweentetho zikaPawulos ezintle ngomthetho kwenye indawo, bekungaba yimpazamo ukuzithabatha iintetho zakhe ngendlela echasileyo ngokupheleleyo.

Cinga ngento elungileyo esetyenziswa gwenxa. Umzekelo, umthi owenzelwe ukunyanga isifo unokusetyenziswa ngabanye abantu ukuba baqhunywe. Ithini imizekelo okhe wayibona wena ebomini bakho yento enje? Ulwazi lwethu lokuba into elungileyo ingasetyenziswa gwenxa lungasinceda njani ukuba siqonde ukuba uPawulos ujongene nantoni apha?

Umthetho – Umkhapheli Wethu

KumaGalati 3:23, uPawulos uwuchaza umthetho njengamandla alindayo nakhuselayo. Uwufanisa nantoni kwindima yama-24, kwaye kuthetha ntoni oko?

Igama eliguqulwe “mkhapheli” livela kwigama lesiGrike u-paidagogos. Ezinye inguqulelo zisebenzisa “umqeqeshi” (NRSV), “ititshala” (NKJV), okanye “umalusi” (ESV), kodwa alikho igama elinye elinokuwolela yonke intsingiselo yalo. I-paidagogos yayilikhoboka lasekuhlaleni kubuRoma elalibekwa kwisikhundla segunya phezu koonyana benkosi yalo xa befika kwisithandathu okanye isixhenxe seminyaka ubudala bade babe bakhulile. Ukongeza ekuncedeni kwiimfuno zakhe zasenyameni, njengokukha amanzi okuhlamba, ukumenzela ukutya nokumnika impahla zokunxiba, nokumkhusela nakweyiphi ingozi, i-paidagogos yayinawo nomthwalo wokuqinisekisa ukuba unyana wenkosi uya esikolweni awenze nomsebenzi [wesikolo] wasekhaya. Ukongeza, wayelindeleke ukuba, anganeli kuphela ukufundisa nokuziphatha kakuhle, kodwa nokuba aqinisekise ukuba amakhwenkwe afunda, enze okuhle nawo. Nangona ezinye ii-pedagogues ngokuqinisekileyo zazilungile zikwathandwa ngabo zibagcinileyo, inkcazo ephambili ngazo kuncwadi lwakudala ingabantu ababengqongqo ekuqeqesheni. Babeqinisekisa intobelo kungekuphela ngokoyikisa nokungxolisa qatha, kodwa nangokufaka isabhokhwe noswazi.

Inkcazo kaPawulos yomthetho njenge-pedagogue icacisa ngakumbi indlela awayewubona ngayo umthetho. Umthetho wongezwa ukuze walathe isono unike nemfundiso. Indlela nje yalo msebenzi ithetha ukuba umthetho unalo icala eligxekekayo, kwaye oko kungokuba uyasingxolisa usohlwaye njengaboni. Kanti ke, neli cala “lingelihle,” uThixo ulisebenzisela okwethu ukulungelwa kuba ukohlwaywa okuziswa ngumthetho kulo okusiqhubela kuKristu. Ngaloo ndlela, umthetho nevangeli azizozinto ziphikisanayo. UThixo wazilungiselela ukuba zisebenziselane ukusindiswa kwethu. “Kwesi siBhalo [Galati 3:24], uMoya Oyingcwele, ngompostile, uthetha ngokukodwa ngomthetho wokuziphatha. Umthetho usityhilela isono, usenze ukuba sizive sidinga uKristu nokubalekela kuYe ukuze sifumane ukuxolelwa noxolo ngokusebenzisa ukuguqulwa kuThixo nokuba nokholo ngakwiNkosi uYesu Kristu.”— Ellen G. White, *Selected Messages*, book 1, p. 234.

Wagqibela nini ukuthelekisa izenzo zakho namazwi neengcinga kunye nomthetho? Yenza oko ngoku, ungazithelikisi nje namagama omthetho kodwa nomoya wawo ngokunjalo (Mat. 5:28, Roma 7:6). Uhamba kakuhle njani? Impendulo yakho ikuxelela ntoni ngeyona nto ayithethayo uPawulos kule leta?

Umthetho Nokholwayo (Gal. 3:25)

Abaninzi bayiguqula into ethethwa nguPawulos kumaGalati 3:25 njengowususa ngokupheleleyo umthetho. Le nto ivakala kancinane, phofu, xa usiva okuhle okuthethwa nguPawulos ngomthetho kwenye indawo eBhayibhileni. Uthetha ntoni ke ngoko? Kuqala, asikho phantsi kokugwetywa ngumthetho (Roma 8:3). Njengabakholwayo, sihleli kuKristu sonwabele ilungelo lokuba phantsi kobabalo (Roma 6:14, 15). Oko kusinika inkululeko yokumkhonza uKristu ngentliziyo yethu yonke, singenaloyiko lakugwetywa ngenxa yeempazamo esinokuzenza ngexesha sisenza oko [kukhonza]. Yinto enjalo ke inkululeko yenene nokukhululeka kwiindaba ezilungileyo, nto leyo eyahluke kakhulu kukungabi safuneka uthotyelwe umthetho—abathi abanye “yinkululeko” kuKristu. Kona ukungawuthobeli umthetho kusisono—saye isono siyhinto engeyiyo inkululeko (Yohane 8:34).

Funda Roma 8:1–3. Kuthetha ukuthini ukungabi sagwetywa ngumthetho? Le nyaniso imangalisayo imele ukuba nagalelo lini kwindlela esiphila ngayo?

Isiphumo sokuxolelwa ngoKristu, kuba ukudlelana kwethu nomthetho ngoku kwahlukile. Ngoku sibizelwe ukuba siphile ubomi obumkholisayo [uKristu] (1 Tes. 4:1); athi xa ethetha ngako uPawulos, kukuhamba ngokoMoya (Gal. 5:18). Le nto ayithethi ukuba umthetho wokuziphatha awusasebenzi—ayizange yayingxoxo leyo. Ingayiyo njani sesiwubone ngokucacileyo nje umthetho ukuba uyinto echaza isono?

Endaweni yoko, kuba umthetho ungumbhalo wesimilo sikaThixo, ngokuwuthobela umthetho sisuka sibonakalalise isimilo saKhe. Nangaphezu koko, silandela kungekuphela nje uhlelo lwemiqathango, kodwa umzekelo kaYesu, osenzela oko umthetho wona ungenakho ukukwenza: uwubhala umthetho ezintliziyweni zethu (Heb. 8:10) enze ukuba iimfuno zobulungisa bomthetho zikwazi ukuzalisekiswa kuthi (Roma 8:4). Oko kukuthi, ngokubudlelwane bethu noYesu, sinawo amandla okuthobela umthetho kunangaphambili.

Funda Roma 8:4. Uthini apha uPawulos? Ukhe wasibona wasibona esi sithembiso sibonakala kobakho ubomi? Kwangelo xeshalinye, sezikho zinjalo iinguquko ezintle okhe wanazo, kutheni lento usindiso kufuneka lusoloko lwakhelwe phezu koko uKristu asenzele kona kungabi kwenye into?

Ingcamango Eyongeziweyo:

“Ndibuzwa ngomthetho okumaGalati. Nguwuphi umthetho ongumkapheli wethu kuKristu. Ndiyaphendula: Yomibini, owamadini nowokuziphatha wemithetho elishumi. “UKristu wayesisiseko sentlalo yamaYuda. Ukufa kuka-Abheli kwakusisiphumo sokwala kukaKayin ukwamkela icebo likaThixo kwisikolo sokuthobela ukuze asindiswe ngegazi likaYesu Kristu elifuziselwe ngeminikelo yombingelelo eyayisalatha kuKristu. UKayin wala ukuphalaza igazi elalifuzisela igazi likaKristu elaliza kuphalazelwa ihlabathi. Le nkongo iyonke yalungiswa nguThixo, waza uKristu wasisiseko salo lonke uhlelo. Esi sisiqalo somsebenzi wayo njengomkapheli wokwenza ukuba abathunywa babantu abanesono bafikelele ekusiqapheleni isiseko esinguKristu sayo yonke intlalo yobuYuda. “Bona ke abaya bayenza inkongo ehlangene nendawo engcwele babefundiswa rhoqo ngokungenelela kukaKristu endaweni yohlanga loluntu. Le nkongo yalungiselelwa ukudala kuyo yonke intliziyo ukuwuthanda umthetho kaThixo, ongumthetho wobukumkani.”—Ellen G. White, *Selected Messages*, book 1, p. 233. “Umthetho wemithetho elishumi akumele ukuba ubonwe kakhulu ngakwicala lokuthintela, ngaphezu kwakwicala lenceba. Oko ukunqandayo kusisiqinisekiso solonwabo ekuthobeleni. Njengoko kusamkelwa kuKristu, kusebenza ngaphakathi kwethu ubunyulu besimilo obuya kuzisa uvuyo kuthi kuwo wonke amaphakade; kwabathobelayo uludonga lokhuselo.”—Ellen G. White, *Selected Messages*, book 1, p. 235.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Siye sizamane nengxaki yokuba singenza njani ukuze sisoyise isono ezimpilweni zethu. Zizithembiso ezithini esinazo eBhayibhileni ngokoyisa isono? Singazimisa njani kakuhle ukuze sizenze izithembiso ukuba ziphumelele? Kwangelo xesha linye, kungani ukuba kufuneke siqinisekise ukuba asilibeki ithemba lethu elipheleleyo lokusindiswa, nakoluphi na uloyiso esilufumanayo kodwa kuloyiso lukaKristu ngenxa yethu?
2. Siye sive amaKristu ebanga ukuba umthetho wabhangiswa. Phofu, kwawona la maKristu athetha ngokuchasene nesono, into ethi, ngokwenene, awathethi ukuthi umthetho ubhangisiwe. Yintoni ke, ngokwenene, athetha yona ngeli bango? (Ukukrobisa: Kuba kowuphi umxholo womthetho apho iye ithethwe khona le netho?)

Isishwankathelo:

Umthetho wanikwa ukuze walathise aboni kwintswelo yawo kaKristu. Njengabagcinisiweyo, unika imfundiso ngoThixo nokhuseleko ebubini. Njengomqeqeshi, ukwakhomba ukuba nesono kwethu, uzise ukugwetywa. UKristu uyasikhulula ekugwetyweni ngumthetho ngokuthi awubhale umthetho ezintliziweni zethu.

